

ISISHWANKATHELO SESIGQEBA: UPHENGULULO LWESAKHEKO SOPHUHLISO LOMHLABA ANGAMABALA SIKAMASIPALA WESIXEKO SASEKAPA (I-MSDF) SANGO-2017

Yinjongo yeSixeko ukwakha ngakumbi isixeko esibandakanyayo, esihlangeneyo nesiluhlalima apho sithi silungise imithetho yangaphambili engocalu-calulo lweentlanga, silungise ukungalingani okukhoyo kunikezelo lophuhliso lweendawo zokuhlala ezahlukeneyo, kwakhona kungadalwa ukungalingani okutsha kwendlela ezingonikezelo lweenkonzo. Okuphambili ekufezekisweni kwale nguqu yomhlaba ongamabala kukudalwa kophuhliso olujoliswe kwezothutho (TOD) nokuxinaniswa kwendawo zokuhlala okunxulumene noko.


ISakheko soPhuhliso lwamaBala sikaMasipala (i-MSDF) sinembono yeminyaka eli-10 apho sithi siphengululwe emva kweminyaka emi-5 ngokuhambelana nesithuba esitsha sezopolitiko sokusebenza kweSicwangciso sezophuhliso ngokuHlangeneyo (i-IDP) seSixeko.

Olu phengululo lweSakheko soPhuhliso lomhlaba ongamaBala seSixeko saseKapa ukuze kuqinisekise ukulungelelana ne-IDP yango-2017 - 2022 noMthetho ongoLawulo lokuSetyenziswa koMhlaba ongamaBala (SPLUMA) wango-2013.

EMzantsi Afrika, imingeni eyenziwe kukwanda kwedolophu kuye kwenziwa mandundu ngakumbi yimithetho yocalulo lweentlanga kucwangciso lomhlaba ongamabala, ishiya imeko ephasalakeleyo yedolophu apho imiselwe ngokwahlukana kobuhlanga nangomvuzo kwaye apho abemi abaninzi babekelwe kude kumathuba ezoqoqosho nawotyalo-mali lwengingqi. I-IDP ne-SPLUMA zisekelezelwe kwimithetho-siseko engophuhliso apho zijolise kwimeko yedolophu ehlangeneyo, ebandakanyayo negqibeleleyo kwakhona nokwakhiwa kokusingqongileyo apho kuthi kulungise oku kungalingani kwezoqoqosho nemimiselo ephasalakeleyo engomhlaba ongamabala.

I-SPLUMA ithi imisele imithetho-siseko engenguqu kumhlaba ongamabala, ebandakanyayo, efikelekayo nophuhliso oluthi luxhase ukudalwa kwemisebenzi nokusingqongileyo okufanelekileyo ukuze kuphuculwe intlalo yobomi.

Ukongeza kule mithetho-siseko, i-IDP yeSixeko iye yamisela imibandela ephambili yenguqu eli-11 apho ithi ixhase unikezelo lwenkonzo olujoliswe kubaxumi, olujoliswe kwindlela yokusebenza nokudalwa kuluntu lasekuhlaleni oluhlangeneyo



Le mibandela iphambili engenguqu ithi ibonelele ngesiseko sesicwangciso-buchule nophengululo lwe-MSDF olunika indlela kwinguqu yomhlaba ongamabala nalapho uthi uphendule ngokuthi usebenzise, ujolise kutyalo-mali nokumiselwa kwengqiqo engophuhliso olubhekiselele kwezothutho (TOD).

Kuye kwacaca ukuba umonakalo wemithetho yamandulo, awusayi kulungiswa kwaye awusayi kuguqulwa ngaphandle kokuba iSixeko simisele indlela ethile ephaphileyo neyinguqulelo. Ukwakhiwa ngokutsha kwesixeko ngendlela apho amathuba ezezindlu, ezothutho, ezolonwabo nomsebenzi athi afumaneke kuye wonke umntu ngendlela elinganayo, oko ngumyalezo ophambili wendlela entsha engophuhliso yeSixeko.

ISakheko seSicwangciso-buchule soPhuhliso olujoliswe kwezithutho (TOD) esiphunyezwe ngowe-2016 neModeli engokuSetyenziswa koMhlaba ngokuphangaleleyo ye-TOD zithi zibesiseko esibalulekileyo sale-MSDF, apho sithi:

- simisele indlela yobume bexesha elizayo yedolophu nomsebenzi weSixeko ngokumalunga nothungelwano olukhoyo noluhlumayo lwezothutho loluntu kwaye ingakumbi kwizikhululo zikaloliwe ezingama-98 nezikhululo ezingama-42 zikaduladula ohamba ngokukhawulezileyo (i-BRT);
- sithi sicuthe ingxinano yedolophu kwaye sidale amathauba athe xhaxhe angezezindlu kwiindawo zokuhlala ezifikelekayo apho zijoliswe kwimimandla ehlangeneyo nakumqokumbelo ongaphakathi wedolophu;
- siphucule imibandela yexesha ezayo yokusetyenziswa komhlaba nokusebenza nngokufanelekileyo kwezothutho;
- Sandise ulwakheko nemithombo yesixeko ngokuthi umzekelo sicuthe ixesha, indleko, umgama nokukhutshwa komsa ongolileyo (i-CO2) obangelwe kukukhwela izithuthi ngemihla ngemihla.

I-MSDF ithi ibenezicwangciso-buchule ezintathu, ezingezi zilandelayo:

Ukwakhiwa kwesixeko esibandakanyayo, esihlangeneyo nesiluhlalima

limbophelelo eziphambili kukulungiswa kokungalingani okukhoyo kunikezelo lophuhliso lweentlobo zezindlu zokuhlala ezahlukeneyo, kwakhona kungadalwa ulwakheko olutsha olungalinganiyo kunikezelo lweenkonzo. Iziphumo ezifunekayo kukuxubana ngokubanzi kwamaqela awohlukeneyo ngokomvuzo, usetyenziso lomhlaba, ukuxinaniswa kwabantu, nobonelelo lwezakheko zentlalo ezifanelekileyo nangokulinganayo, amabala angezolonwabo namaziko oluntu.

Ulawulo lohluwo lwedolophu nokudalwa kokulingana phakathi kophuhliso lwedolophu nokhuseleko lokusingqongileyo

ISixeko sithi sikhuthaze indlela yedolophu apho apho enengxinano ephezulu kwaye apho eneendlela zokusetyenziswa komhlaba ngokuxubeneyo kumqokumbelo osembindini wedolophu, apho ixhaswe luthungelwano olubanzi nolufanelekileyo lwezothutho lukaduladula olukhawulezileyo (BRT) nolukaloliwe. Ngokusebenzisa le ndlela, sifuna ukufezekisa iziphumo ezihle zophuhliso ezinjengokusetyenziswa komhlaba omninzi ngokuluhlalima nemithombo yendalo, ukukhutshwa komsa ngokwezinga elisezantsi, ukusetyenziswa ngendlela efanelekileyo lwezakheko ezingundoqo; iinkqubo zothutho loluntu ezisebenzayo nezifanelekileyo nemibandela yezoncedo kwezentlalo.

Ucwangciso lwezemisebenzi/lengqesho nophuculo lokufikeleleka kumathuba angezoqoqosho

Indlela yakalokunje neyexesha elizayo yobume bomhlaba ongamabala waseKapa nendlela yokusebenza kufuneka ixhase iimbono zesixeko zexesha langoku nezexesha elide lezoqoqosho. Umlinganiselo apho iKapa lithi likuqonde khona iinjongo zalo zophuhliso lwamabala, unxulumene ngokungqalileyo kwindlela yaso yokugcina indlela yengqesho ebhekiselele kuhlumo lwezozoqoqosho kwixesha elisembindini kwaye lucuthe iindleko zokufikeleleka kwabo bahlelekileyo basedolophini.

Ngokubhekiselele kumgaqo nangengcaciso engentla apha, uphengululo lwe-MSDF luthi lusabele kutshintsho locwangciso lubume bokusingqongileyo, ngokuthi:

- Sibonelele ngesisekelezelo esiluhlalima (esishinyeneyo nesixubeneyo), uphuhliso oluhlangukeneyo nokusetyenziswa komhlaba kumqokumbelo ongaphakathi kwedolophu (esibandakanya imimandla ehlangeneyo);
- Sichonge imimandla apho iSixeko kufuneka sijolise kutyalo laso lwemali ukuze sifezekise inguqu kumhlaba ongamabala nalapho kufuneka kukhuthazwe uhlumo olujoliswe kwezothutho;
- Sichonge iimfuno nemibandela ephambili yolawulo lwedolophu;
- Sibonelele ngesakheko esinembuyekezo kwicandelo labucala nobuhlakani ukuze kufezekiswe iinjongo zenguqu kumhlaba ongamabala weSixeko;
- Sikhuthaze ukufikeleleka kwimithombo; kwakhona
- Sibonakalise utshintsho kwimigaqo-nkqubo yeSixeko ethi ichaphazele ulwakhiwo lokusingqongileyo.